Mene ! Mene ! Tekele ! Ufarsin !!

U-Daniel 5, 25.

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Ngumbhalo lowo makowetu ! Ezindongeni Zezwe: Ubhalwe ngesi Hebere: Inguqulo yawo iti—u Tixo ububalile ubukumkani bako wabufeza: Ulinganisiwe, ke ngoko eskalini; wafunyanwa ulula. Ubukumkani bako buhlutiwe, banikwa Izizwe ezingqonge Izwe lako ! Ngati wawusi tsho kum nawe ndikangele nje; Tata i versi yesine kwakweso Sahluko: Iti—sasela i wayini, sabancoma otixo base mzini; begolide nesilivere nabo b'edu, nabesinyiti, nabemiti, nabamatye: Akunjalo ke ? Ngawukangele ke nawe ubunewunewu belilizwe bentlobo zonke: Oleseshayo makaqiqe ! Ukuba lominwe, eyabhala apo Eludongeni, ayimelwena ukuba namhla nje ayingeze ibhalena ? Ezindongeni ze Afrika: Tata kwakona ! Iversi yamashumi amabini anantatu kwa kweso Sahluko—iti: Sazipakamisa ngapezu ko Tixo Wezulu: Sati namasiko esasivele nawo, sawabona namhlanje ukuba ngawamaqaba; Sisenza u Tixo ke ngoko iqaba: Oyena kuse—Sandleni Sake ukupefumla kwetu: Onazo zonke kwanendlela zetu: Camagu !!

Mene ! Mene ! Tekele ! Ufarsin
Awu ! Ndak'ubeka ndibheka emlu. [ngwini
Ndeva sendibanjwa ngamakamandela
Obomi bomhlaba umhendi omdala.

Latsho ! Ezindondgen' latsho kusakiwe
Latsho bonwabile laveza iminwe
Latsho u Kumkani wasi nkwabalala
Lashiya maxego ambete izandla.

Kwaye kuyolile umzi ugongqile
Wonke wonk' upela uvele ngonwele
U Satan ebonga kutshone nenkaba
Nini magqob'oka kwanati maqaba.

Sazipakamisa ngapezu ko Tixo
Latsho Ezindongen' kweva namaxoxo
Kwimiz' emidala yo Beletshatsare
Yo tixo bobhedu nabe silivere.

Ulinganiswe wabonwa ulula
Latsho kabuhlungu Elomdal' Omdala
Ubukosi bako ngoko buhlutiwe
Banikwa Izizwe ngombhalo womnwe.

Kauyek' ukubusa nawe utsho kuwe
Uhlaba inkosi uhlaba ne Sizwe
Emka amasiko aye silungwini
Kuba sabancom' otixo base mzini

Nibuza kubani ? Kuyiyo lemini
Nango ke nombhalo ume Zindongeni
Asinini aba ? Nidla ngokugxeka
Xa siti " buyani " nina be Afrika.

Mene ! Mene ! Tekele ! Ufarsin
Upina umbuso wasema Xoseni
Wezizwe Zintsundu ngapantsi kwe [Langa.
Wonyana nentombi zetu siluhlanga.

Ulinganisiwe eskalini walula
Nango ke Umbhalo namhla sukulala
Sasela iwayin sotixo base mzini
Sahlukana sedwa say' ezinkonxeni.

Mene ! Mene ! Tekele ! Ufarsin
Namhlanje Afrika puma ehlatin
Ufunde lombhalo use Ludongeni
Ukupe no tixo base buginweni.

Camagu !!